# IZICELO ZENKXASOMALI ENGEZIBONELELO ZONCEDO KOWAMA2025/2026 NOWAMA2026/2027:
# ISEBE LEZOBUGCISA NENKCUBEKO

Isebe loPhuhliso lezoBugcisa neNkcubeko leSixeko saseKapa lihlaba ikhwelo lokufaka izicelo zenkxasomali zonyakamali wama2025/2026/2026/27 kwimibutho esebenza ngeeprojekthi neenkqubo zobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kwimida yoomasipala.

Isixamali esiyiR3 810 046 siyafumaneka ngonyakamali ngamnye. R3 310 046 iza kwabelwa iiprojekthi ezifuna iR250 000 okanye ngaphezulu ngonyaka ngamnye. R500 000 iza kwabelwa iiprojekthi ezifuna ngaphantsi kweR250 000 ngonyaka ngamnye.

**Nceda uqaphele:**
- Inkxasomali iyafumaneka kwiminyakamali emibini.
- Ukuba ufaka isicelo seminyaka yomibini, kufuneka ugcwalise isicelo esahlukileyo kunyaka ngamnye.
- Inkxasomali inikezelwa ngonyaka ngamnye. Ukufumana inkxasomali yonyaka omnye akuqinisekisi ukuba uzakuyifumana kunyaka olandelayo.
- Zonke izicelo ziya kuvavanywa ngokungqinelana noMgaqonkqubo ongeZibonelelo zoNcedo kwaye kufuneka zihambelane noMthetho woLawulo lweMali kaMasipala, uMthetho 56 ka2003.
- Abafaki zicelo kufuneka bakwazi ukufezekisa iinjongo ezichazwe kwesi simemo.
- Izicelo ezifike emva kwexesha okanye ezingazaliswanga ngokupheleleyo azisayi kwamkelwa.

**Iziphumo ezinqwenelekayo kowama2025/26 nowama2026/27**

**Iziphakamiso kufuneka zigxile kwiiprojekthi zenkcubeko ezizinzileyo ezijolise kubantu abatsha (abaneminyaka eyi-7-35 ubudala) okanye amaqela asemngciphekweni (abasetyhini, abantwana, abantu abadala, kunye nabantu abakhubazekileyo):**
- Ezikhuthaza ukuthakazelelwa kobugcisa, ubuchule, ilifa lemveli, kunye neyantlukwano
- Ezibonelela ngemisebenzi eyakhayo kunye nezakhono ezidluliswayo
- Ezazisa abaxhamli ngeendlela zenkcubeko kunye nobuchule bobugcisa
- Ezixhasa amagcisa asakhasayo nasaqalayo, abayili kunye neengcali

**Iiprojekthi zingabandakanya iinkqubo, iimveliso, imidlalo, ukwazisa uluntu kunye nemiboniso.**

**Iiprojekthi kufuneka zingene kwezi ndidi zilandelayo:**
- Ubugcisa boluntu bexeshana
- Ubugcisa obubonwayo nobenziwayo
- Ukwazisa ngelifa lemveli nokubaliswa kwamabali
- Ungenelelo lonyango lezobugcisa
- Umculo

**Iiprojekthi kufuneka zibeke phambili ukufikeleleka kunye, ukuba zinakho, nokufumaneka simahla okanye ngexabiso elifikelelekayo.**

**Izinto ezifunekayo xa ufaka isicelo**
Izicelo kufuneka zenziwe kwiifomu A1, A2, noA8 ezisemthethweni (ezifumaneka kuzo zonke ii-ofisi zamabhungana, isebe loPhuhliso lezoBugcisa neNkcubeko nakwi- intanethi apha: www.capetown.gov.za/grants-in-aid). Iziphakamiso kufuneka zihambelane neenjongo zesicwangciso buchule seSixeko kunye nolwabiwomali olucacileyo kwaye zihambelane noMgaqonkqubo ongeZibonelelo zoNcedo weSixeko.

**Abafaki zicelo kufuneka**
- Babhalise kuvimba woLawulo loBonelelo ngeeNkonzo zeZiko: https://secure.csd.gov.za/Account/Register
- Babhalise kuvimba woLawulo loBonelelo ngeeNkonzo zeZiko njengoosomashishini: https://www.capetown.gov.za/City-Connect/Register/Business-and-trade/Register-as-a-supplier
- Babhalise njengemibutho engenzi nzuzo (iNPO, NGO, icandelo 21, ithrasti, njalonjalo).
- Bangenise onke amaxwebhu afunwayo adweliswe kwifomu yesicelo.

**Izicelo kufuneka zikhatshwe koku:**
- Ifomu yesicelo enguA1, etyikitywe ngokufanelekileyo yaza yafakwa iinishiyali kwiphepha ngalinye
- Ifomu yesicelo enguA2 (yesicwangiso sokusebenza neprojekthi etyikitywe ngokufanelekileyo yaza yafakwa iinishiyali kwiphepha ngalinye
- Ifomu yesicelo enguA8 eneenkcukacha zesicwangiso sokusebenza neprojekthi,etyikitywe ngokufanelekileyo yaze yafakwa iinishiyali kwiphepha ngalinye
- Ingxelo yemali ephicothiweyo, etyikitywe ngumphicothi obhalisiweyo (kwizicelo ezingaphezulu kweR100 000) okanye
- Ingxelo yemali ephononongwe ngokuzimeleyo (yenkxasomali ephakathi kwamaR50 001 kunye neR100 000) okanye
- Ingxelo yengeniso neyenkcitho yonyakamali odlulileyo njengoko yandlalwe kwintlanganiso jikelele yonyaka (AGM), etyikitywe ngusihlalo okanye elinye ilungu eligunyazisiweyo lombutho kunye nekopi yemizuzu yeAGM efanelekileyo (yezicelo zenkxasomali ezingaphantsi kwamaR50 000)
- Imizuzu yeAGM (engekho ngaphezulu kweenyanga ezili18) ebonisa isigqibo sokwenza isicelo senkxasomali. Ukuba imizuzu ayibonisi oko, imizuzu yentlanganiso apho esi sigqibo sithatyathwe khona okanye ileta esayinwe ngawo onke amalungu ebhodi ebonisa isivumelwano kufuneka ihambe nesicelo eso
- Isatifikethi sobhaliso umzekelo isatifikethi seNPO
- Umgaqosiseko otyikityiweyo okanye amanqaku okubandakanywa kombutho
- Iakhawunti yeerhafu zikamasipala (ehlawuliweyo ukuza kuthi ga ngoku) okanye isivumelwano sengqeshiso esisegameni lombutho, okanye ingxelo efungelweyo (iafidavithi) eqinisekisa ukuba umbutho awunayo iakhawunti kamasipala/ukuba umbutho uyarenta kwezi zakhiwo
- Isatifikethi sesimo sokuthobela ukuhlawulwa kwerhafu esisebenzayo
- I-invoyisi yeRhafuntengo enexabiso elinguziro ngesixa esiceliweyo (ukuba iRhafuntengo ibhalisiwe) okanye iinvoyisi eqhelekileyo (ukuba iRhafuntengo ayibhaliswanga)
- Iikopi eziqinisekisiweyo zeID zamalungu ekomiti kunye/okanye amagosa anoxanduva
- Ubungqina beakhawunti yebhanki
- Ubungqina bokubhalisa kuvimba weCompanies and Intellectual Property Commission (CIPC).

ISixeko asizi kuzixhasa ngemali zonke iziphakamiso. Iiprojekthi kufuneka ziqale kwisithuba seenyanga ezimbini emva kokufumana inkxasomali kwaye zigqitywe kwisithuba seenyanga ezintandathu emva kokuhlawulwa kwenkxasomali.

Izicelo, kunye namaxwebhu axhasayo mazingeniswe kwiSebe loPhuhliso lezobuGcisa neNkcubeko, kuMgangatho we13, kwiZiko loLawulo laseKapa, eKapa okanye zithunyelwe ngeimeyile ku artsandculture.gia@capetown.gov.za. Umhla wokuvalwa kokwamkelwa kwezicelo ngo wesithathu kweyoMnga 2025 ngo17:00.

**Ngeenkcukacha ezithe vetshe nceda uqhagamshelane nabe artsandculture.gia@capetown.gov.za, nareze.andreas@capetown.gov.za okanye rhyno.jansen@capetown.gov.za.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA197/2025

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.